

IKHADI LENGXELO YELOKISHI YASEPHILLIPI KUMNYAKA 2014/2015

INGABA UMNTWANA WAM **UYASOKOLA**
OKANYEUBHEKA EMPUMELELWENI?



ABA-3 KWABA-10 ABANTWANA
ABAQALA ISIKOLO
BAZAKUYIPHUMELELA IMATRIC



ABANTWANA ABANINZI
ABASESIKOLWENI BASEPHILLIPI
BAYEKA NGAPHAMBI KOKUFIKA
KWIBANGA-12.

NGAPHA KWESIQINGATHA SESITHATHU
SABANTWANA BESIKOLO ABAWALUNGELANGA
AMABANGA APHANTSI


ABANTWANA ABA-2 KWABALI-10 EPHILLIPI BAYE BAFIKE EDYUNIVESITHI

UMNTU OMTSHA NGAMNYE KUFANELEKE UKUBA...

ISIPHUMO 1

ALUNGISELELE AMABANGA APHANTSI

°55% ababhalisela imfundo yesiseko (grade R)



ISIPHUMO 2

AKWAZI UKUFUNDA NOKUBALA NGOKWAMABANGA ESIKOLO

°31% izinga lokupasa uhlelo-vavanyo lokufunda kwibanga-3 (grade 3)



GRADE 3

GRADE 6



ISIPHUMO 3

AXHASWE UKUBA ALUNGELE UKUFUNDA

°85% babafundi bakhe bajongana nobundlobongela kwezinyanga ziyi-12 zidlulileyo.



ISIPHUMO 4

EKULUNGELE UKUNGENA IMFUNDO EBHEKAPHAMBILI

°7% kwabebanga le-9 izinga lokupasa uhlelo-vavanyo ngezibalo



GRADE 9



ISIPHUMO 5

UYAWAGQIBA AMABANGA APHEZULU

°19% kwabapasa imatric bayipasela ukufundela isidanga somsila



ISIPHUMO 6

EQESHIWE

°38% izinga lokungasebenzi.




INDLELA ABANTWANA BETHU ABAQHUBA NGAYO:

ISIPHUMO 1: UKULUNGISELELA UKUFUNDA AMABANGA APHANTSI ESIKOLO

Izinga: Lihle

Esisiphumo sivavanya indawo ezintathu kuphuhliso lomntwana ezidibanayo ekwakheni umntwana ophileyo, nolungele ukuqala isikolo: inkuthalo ngaphambi kokubeleka kuka mama, uphuhliso kwasebutsheni bomntwana nophuhliso ngokwasengqondweni. Ngoko ke esisiphumo sijongene nazo zontathu ezindawo ukusinika umfanekiso wokuba kwenziwa kakuhle kanjani ukuxhasa abantwana basePhillipi ukuba balungele konke isikolo esizakubanika kona, sukela kusuku lokuqala.



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?

Isininzi sabasetyhini abakhulelweyo ePhillipi bayayifumana inkuthalongaphambi kokubeleka. Kwaye isininzi sabantwana sibona kala sikhula ngendlela efanelekileyo. Kodwa baphantse bafika kwisiqingatha abangabhaliselwanga imfundo esisiseko (grade R), into exhalabisa kakhulu.


OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Amangenelelo kwezempilo ajoliswe kwizichazi/iimpawu ezifana nokunyusa ukuncancisa nokususa imibungu/ iintshulube.

Ukunyusa inani labafundi abafunda imfundo esisiseko (grade R

ISIPHUMO 2: UKWAZI UKUFUNDA U NOKUBALA KUMABANGA U -3 KWAKUNYE NO-6

Izinga: lidinga ukuphuhliswa



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?

Ngu 31% kuphela kwabebanga-3 kwakunye ne 11% kwabebanga-6 abakwaziyo ukufunda kumabanga esikolo aphantsi. Ngu 52% kwabebanga-3 kwakunye no 27% kwabebanga-6 abakwaziyo ukubala ngokwamabanga esikolo aphantsi.

Noba zingentlanga sibona ipesentejiz eziphakame kakhulu zabafundi abafunda kwizinga elisondeleyo kumabanga afanelekileyo esikolo kwibanga-3, kodwa oko kuyehla ngamandla xa sebefika kwibanga-6. Eli lixesha elibalulekileyo ukulijonga ekuqinisekiseni ukuba abafundi bethu bayakwazi ukufunxa olunye uhlobo lwemfundo edinga amazinga aphakamileyo okufunda.

OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Ukwakha isisekelo esomelele bhetele ekufundeni nasekubaleni kumabanga esisekelo.


Ukuqhubeka ukomoleza ukufundiswa kokubala nokufunda kumabanga asesiphakathini.

ISIPHUMO 3: NKXASO EPHELELEYO EKULUNGELI UKUFUNDA

Izinga: lilungile

Ukulungela ukufunda, sikholelwa ukuba abafundi kunyanzelekile ukuba baxhaswe kwezindawo zine zibalulekileyo:

- Ezempilo nesondlo
- Ukuziva ukhuselekile
- Ikhaya elikufaneleyo ukufunda
- Inkxaso efanelekileyo ngokwesiqu nangezi fundo



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?


Abafundi basePhillipi bazama ukwehlula imingeni emikhulu ekuqinisekiseni ingqwalasela ngelishesha besesikolweni. Ukungaziva ukhuselekile, kwanele ukuphazamisa ingqwalasela esikolweni. Nokungabikho sempilweni ikwasisithinteli semfundo kwaye kwezindawo zimbini siyoyisakala. Kodwa ke phakathi kwe 1/3 ne 1/2 yabafundi bethu baziva bexhasekile ngokwasesiqwini. Ukuba nje singasebenza ngokubambisana bhetele kwezempilo kwakunye nenxaso kwezokhuseleko, singajula umnatha obanzi ngaphezulu, kwinkxaso ngokwasesiqwini, ngolohlobo abafundi abaninzi basePhillipi abanakuphazamiseka emfundweni yabo.

OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Zone ezindawo zikhankanywe ngaphezulu zidinga uphuhliso olubambeneyohliso ekufikeleleni kubo bonke abantwana bethu.

ISIPHUMO 4: UKULUNGELA AMABANGA APHAKAMILEYO NOKUDLULELA

Izinga: lidinga uphuhliso



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?


Abafundi basephillipi babonakala bengakulungela kwaphela ukufunda amabanga aphezulu nokugqithela. Kodwa ke, babonisa iimpawu zokomelela ngokwasemphefumleni, kananjalo neempawuzokusokola ngokwasemoyeni

OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Kwelinqanaba inxaso ngokwasemfundweni kwakunye nenxaso emmandla ngokwasengqondweni zinokwenza abafundi bazifumane benalo ithemba lokupasa i-matric.

ISIPHUMO 5: UKUGQIBA AMABANGA APHAKAMILEYO (UKUPASA I-MATRIC/ UKUNGENA ESINALENI)

Izinga: lidinga uphuhliso



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?

Baninzi gqitha abafundi abasiqalayo isikolo abangafikiyo ekubhaleni uvavanyo lwematric. linzima ezifundweni eziqala kwasebuncinaneni zibonakala zisongezeleleka ngoku hamba kwexesha.


OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Kunyanzelekeile ukuba siqwalasele kuphuhliso lwamazinga okugcina abafundi esikolweni.

Abafundi bayidinga kakhulu inxaso ngokwezemfundo kwelixesha ukwenzela benze izigqibo ezinokubakhokela engqeshweni.

ISIPHUMO 6: EMSEBENZINI

Izinga: lidinga uphuhliso



ZISIXELELA NTONI EZIZIPHUMO?

Kulutsha oluninzi kakhulu lwasePhillipi, ingqesho esisigxina ayifumeneki. Siyazi ukuba izinga lokungaphangeli lwabanesinga esinomsila ngu -5%. Kodwa xa kukho 19% kuphela kwabaqala isikolo abapasa imatric ngokufanele ukuba bangafundela imfundo enomsila, ingqesho isezakuba nzima kakhulu.

OKUBALULEKILEYO EYO KUTHI EKUPHULISENI EZIZIPHUMO:

Ukunyusa izinga lomngagath weziphumo zematric

Ukuphuhlisa iingcebiso ngemisebenzi ukwenzela isinala sezakhono sibukeke siyindlela ebhetele kubafundi abaninzi.

Kunyanzelekile ukuba senyuse uphuhliso lwezakhono kwakunye namathuba esibini